Downloaded from Stanmorephysics.com

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Funda le miyalelo ngenyameko phambi kokuba uqalise ukuphendula imibuzo.

2. MUSA ukuzama ukufunda lonke iphepha lemibuzo. Yiya kwiphepha lesiqulatho elilandelayo uze uphawule amanani emibuzo esetwe kwiincwadi ozifundileyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo uze ukhethe leyo ufuna ukuyiphendula.

3. Eli phepha linamaCANDELO amaNE:

   ICANDELO A: Inoveli (35)
   ICANDELO B: Idrama (35)
   ICANDELO C: Amabali amafutshane (35)
   ICANDELO D: Isihobe (35)

4. Phendula imibuzo emiBINI kumacandelo amaBINI, ngolu hlobo:

   ICANDELO A: INOVELI
   Phendula umbuzo kwinoveli oyifundileyo.

   ICANDELO B: IDRAMA
   Phendula umbuzo kwidrama oyifundileyo.

   ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE
   Phendula imibuzo esetwe kumabali amafutshane omaBINI.

   ICANDELO D: IMIBONGO
   Phendula imibuzo esetwe kwimibongo yomiBINI.

5. Sebenzisa itshekhlisti ukuzincedisa.

6. Landela imiyalelo esekuqaleni KWECANDELO NGALINYE ngononophelo.

7. Nombola iimpendulo zakho kanye ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

8. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

9. Sebenzisa imizuzu engama-75 KWICANDELO NGALINYE.

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

Downloaded from Stanmorephysics.com

**IPHEPHA LESIQULATHO**

Eli phepha liza kukunceda ukwazi ukukhetha imibuzo ofuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

| | | |
|---|---|---|
| **ICANDELO A: INOVELI**<br><br>**Phendula NAWUPHI umbuzo OMNYE okwinoveli oyifundileyo.** | | |
| **INANI LOMBUZO** | **AMANQAKU** | **IPHEPHA** |
| 1. *Kusa Kusihlwa* | 35 | 5 |
| | | |
| 2. *Umqol' uphandle* | 35 | 9 |
| | | |
| 3. *UMonwabisi* | 35 | 13 |
| **ICANDELO B: IDRAMA**<br><br>**Phendula NAWUPHI umbuzo OMNYE okwidrama oyifundileyo.** | | |
| 4. *Ndiyekeni* | 35 | 17 |
| | | |
| 5. *Inzala YamaRhamba* | 35 | 21 |
| **ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE**<br><br>**Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kumabali amafutshane.** | | |
| 6.1 'Izibhovubhovu zaseBhayi' | 18 | 25 |
| | | |
| 6.2 'Kanti andizenzanga' | 17 | 27 |
| **ICANDELO D: ISIHOBE**<br><br>**Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kwimibongo.** | | |
| 7.1 'Intambanane' | 18 | 29 |
| | | |
| 7.2 'Ingcwaba' | 17 | 32 |

Downloaded from Stanmorephysics.com


**ITSHEKHLISTI**

**QAPHELA:** Phendula imibuzo emibini kumacandelo amaBINI.
Phawula (√) amacandelo owakhethileyo.

| **ICANDELO** | **IINOMBOLO ZEMIBUZO** | **INANI LEMIBUZO EPHENDU-LWAYO** | **PHAWULA (√)** |
|---|---|---|---|
| A: Inoveli<br><br>*(Kusa Kusihlwa)*<br>*(Umqol' uphandle)*<br>*(UMonwabisi)* | 1–3 | 1 | |
| | | | |
| B: Idrama<br><br>*(Ndiyekeni)*<br>*(Inzala YamaRhamba)* | 4–5 | 1 | |
| | | | |
| C: Amabali amafutshane<br><br>('Izibhovubhovu zaseBhayi')<br>('Kanti andizenzanga') | 6.1 + 6.2 | 1 | |
| | | | |
| D: Isihobe<br><br>('Intambanane')<br>('Ingcwaba') | 7.1 + 7.2 | 1 | |

**QAPHELA:** Qinisekisa ukuba uphendule imibuzo kumaCandelo amaBINI kuphela.

Downloaded from Stanmorephysics.com


## ICANDELO A: INOVELI

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kwezi noveli zilandelayo:

- *Kusa Kusihlwa* nguKS Bongela
- *Umqol' uphandle* nguMAP Ngani
- *UMonwabisi* nguZA Japhta

Phendula YONKE imibuzo ekwinoveli oyifundileyo.

### UMBUZO 1: *KUSA KUSIHLWA* – KS Bongela

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo ziBINi izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 1.1 noMBUZO 1.2.

1.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA A**

Kukhe kwabhidwana ngale nto indoda ikhala ngento yokuba noko le nto yinkcitho kuba ivenkile ibingekafiki kumgangatho wokuba kungaqeshwa abantu ababini abenza umsebenzi omnye phezu kwaba sebekho. Umfazi uphendule ngelithi ivenkile ibimoyisile uLungile yamgulisa ngenxa yokuba kusithiwa umsebenzi abe ewenza ubumninzi xa eyedwa. Ke ingaba isikhalo sesani xa ephunyuzwa? 'Yiyekele kuthi indaba yevenkile, **wena uye kusebenza le inshorensi yakho ikuhambisa ngamarhatya ikulalise apho uthanda khona**. Ngapha koko ukuba ukhathazwa bubukho bukadadobawo, musa ukuzixhalisa kuba ndiza kumbhatala kweyam imali. Andilohlwempu olo hlobo noko,' iquphe yatsho le mazi.

Imxhelile le mpendulo uLungile kodwa wazimisela ukuthula. Ukuba ivenkile le ibiza kunikelwa kuYolisa noThamsanqa kuphela, eneneni izinto mhlawumbi beziya kuba ngcono, ngakumbi ukuba iZizikazi eli beliza kuphuma mpela apho kuyo lifike ngokuqwalasela le nale, licebise apha naphaya.

Bathi bakungena aba babini, kwatsho kwavakala ukuba kukho abanye abantu ngoku kuba latsho iqela labathengi lenyuka. <u>Kaloku abantu babetsalwa yimbeko kaThamsanqa noYolisa</u>. Nabo ngeba babevana xa bekunye kuba babehloniphene benomdla ofanayo wokuba ivenkile kaLungile inyuke.

1.1.1 Xela le nto bakhe babhidana ngayo uLungile noNomakhwezi ngokwakwesi sicatshulwa. (1)

1.1.2 Kutheni esithi uNomakhwezi uLungile ulala apho athanda khona? (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

1.1.3 Chaza indlela awabuphelisa ngayo uNozililo ubudlelwane bukaNomakhwezi nabaxhasi bevenkile yakwaNtsibande. (2)

1.1.4 Xela umfanekiso-ngqondweni oziswa ligama elibhalwe ngqindilili kule nkcaza ingezantsi.

'**Imxhelile** le mpendulo uLungile ...' (1)

1.1.5 Ikwenza uzive njani ngoLungile intetho kaNomakhwezi ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.1.6 (a) Ngqina ukuba umxholwana ovelayo kwesi sicatshulwa ngowokungavisisani kwabantu abatshatileyo. (2)

(b) Kubenasiphumo sini ukungavisisani kukaLungile noNomakhwezi kweli bali? (1)

1.1.7 (a) Xela eyona nto ayifuna ngamandla umlinganiswa onguMpumelelo kweli bali. (1)

(b) Wenze ntoni uNozililo ukuzama ukuba uMpumelelo angayifumani lula le nto uyixele ku-(a)? (2)

1.1.8 Gqibezela esi sivakalisi silandelayo ngokukhetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli.

Kwinkcaza ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa isimo sikaThamsanqa noYolisa sichazwa ngendlela ...

(a) (efihlakeleyo/engafihlakalanga). (1)

(b) Xela olu didi lozobo lusetyenzisiweyo ukubachaza. (1)

1.1.9 Thelekisa izinga lempumelelo yevenkile yakwaNtsibande ngokwakwisicatshulwa nezinga lempumelelo yayo ekupheleni kwebali. (2)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com


1.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA B**

Ngesi senzo, uMpumelelo namhlanje ube ngugqirha wodumo kuba ilizwe liphela lilazile ilinge lakhe athe walenza kwezonyango. Abachola-choli bamaphepha-ndaba naboomabona-kude abasuka kwezinye iindawo baye bacinga ngokuya eLusikisiki. Banika ingxelo etsho lonke ilizwe lalazi ilinge lalo mfana. Abangamaziyo batsho bamhlonipha. Naxa olu dumo lumzisele ukwaziwa nokuthenjwa, kube kwanjalo nasemsebenzini. Babebaninzi kakhulu abantu abasuka kwezinye iindawo nakwamanye amazwe anjengomaLusuthu, Botswana, Swazini njalo njalo beze kufuna unyango kwezi zifo zinxulumene nengqondo.

URhulumente waseTranskei encediswa ngowoMzantsi Afrika wenze igalelo elikhulu ukwandisa amasebe esi sibhedlele ngokwesicelo sikaMpumelelo oyena gqirha wayebekwe ukuba abe ngumongameli wesibhedlele. Yena uMpumelelo umenywe kwiindawo ngeendawo ukuba aze kunceda abanye oogqirha kwezinye iindawo mayela nonyango lwengqondo. Kuthe emva kweminyaka emibini sakhiwe esi sibhedlele, kwenziwa umvulo waso.

Iinginginya zabantu ezazilapho zazingabaleki. Zazikho izinxiba-mxhaka zelizwe lemidaka; oogqirha, amagqwetha, iititshala, abefundisi, abaphathiswa, izifundiswa, nomgwenye obomvu ndawo-nye nabantwana. Izithethi ngezithethi zathetha akwamila ngca. INkulumbuso yaseTranskei yalebela kumazwi ayo ngokuthi: 'Mfo kaNtsibande, eli linge uthe walenza kude kuze kuma kweli nqanaba kukulo, lelincomekayo neliya kuhlala lihleli ezimbalini zabantu baseTranskei bedibene noRhulumente wabo.

1.2.1 Xela esi senzo asenzileyo uMpumelelo simenze wafumana udumo ngokwakwisicatshulwa. (2)

1.2.2 Kwakutheni ukuze uMpumelelo akhethe ukuya kusebenza eLusikisiki? (2)

1.2.3 Isixelela ntoni ngoMpumelelo inkcaza ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa? (2)

1.2.4 Ngqina ukuba uLungile ungunobangela wokuphumelela kukaMpumelelo kwezemfundo. (2)

1.2.5 Kwezi ziganeko zilandelayo chonga zibeZIBINI eziqhubeka kwinqanaba lokuyondelana/lokujiya kwebali.

A UNomakhwezi utyoboza imoto yomsebenzi kaLungile.
B ULungile uthenga ivenkile kuMosia.
C Kwenziwa umvulo wesibhedlele esandiswe ngoncedo lukaMpumelelo.
D UNtongana uya kufuna iincwadi zevenkile kuThamsanqa. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


1.2.6 (a) Xela indawo eliqhubeka kuyo ibali ngokwakwesi sicatshulwa. (1)

(b) Le ndawo ibeluncedo njani ekuphumeleleni kweminqweno kaMpumelelo kwezonyango? (2)

1.2.7 Ngubani umlinganiswa esingqamene naye isihloko sale noveli? (1)

1.2.8 Kudluliswa myalezo mni ngoku kuqhubeka kwisicatshulwa? Xhasa impendulo yakho.

Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Umyalezo odluliswa kwisicatshulwa. (1)

(b) Xhasa mpendulo oyinike ku-(a). (2)

**[35]**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**UMBUZO 2: *UMQOL'UPHANDLE* – MAP Ngani**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 2.1 noMBUZO 2.2.

2.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA C**

'Ndiyakuva mna,' uvakale esitsho ngelinyanisileyo uHlobo, emangalisiwe ukuphawula ukuba umntu abecinga ukuba uphungulekile kanti uvuthelwe ngaphakathi. 'Uyandiva?' Ingqinisisile le ntokazi seyitsho ngoncumo, iqala njalo ukubonakalisa ubuso obuhle okoko ifikile. 'Ndiyakuva mna, ndingelolitye nje.' 'Uzuqalele apho ke ukusebenza ukuba undiva ngokwenene.'

'Ndithi ndiyakuva mna,' yaphinda yatsho le nto yakwaHlobo. 'Ndingavuya undiva kakuhle,' yenze eso sithukuthezi le ntokazi. Ukhe wee nqumama uHlobo, wandula wabeka lo mbuzo: 'Khawume kodwa ke ... Ucinga ukuba wayejonge phi ke lo Linda ngokwenza ayenzileyo-mandithi ukuba nguye ke?'

'Kaloku sesenza nje ngoku eqhutywa ngumona ozalwa kukuqonda ukuba izinto zikaEddie awayecinga ukuba zoba zezabo bodwa, sezinomngeneleli abengamazi. Akubazi na wena abafazi?'

'Ndiyakuva mna,' utsho ngeliphantsi okaHlobo. 'Ndingavuya undiva kakuhle.'

'Akukho iyenye ke ovuka nayo, sis' omkhulu?' Uphinde wancela uHlobo kulo mbele. 'Ngathi ndisaphelele apho. Ezintsha ndomana ukuza kukuvisa ngazo.'

'**Nangamso ke qobokazana** ...' Utsho ndahlutha. 'Endingakuthembisa ngayo yeyokuba yonke into othe wandixhobisa ngayo iya kundinceda kakhulu ekulandeni lowo ungumenzi wobubi – ukuba ukho ke.'

Uthe ebuyela eofisini yakhe okaHlobo, wafika unobhala wakhe selelangazelela ukuva ezintsha.

'Akukabikho ntw' ibitheni, Lizzie,' <u>uphosise watsho omaqhinga</u> akubuzwa ngendima aseyenzile kuphando lwakhe.

2.1.1 Xela le nto uHlobo abuza ukuba uLinda wayejonge phi ngokuyenza ngokwakwesi sicatshulwa. (1)

2.1.2 Kutheni uHlobo emangalisiwe kukuthi kanti le ntokazi athetha nayo ivuthelwe ngaphakathi? (2)

2.1.3 Chaza indlela abadibene ngayo kwesi sikhululo samapolisa uHlobo nale ntokazi athetha nayo. (2)

2.1.4 Xela umfanekiso-ngqondweni oziswa ligama elibhalwe ngqindilili kwinkcaza engezantsi.

'Ndiyakuva mna,' utsho **ngeliphantsi** okaHlobo. (1)

Downloaded from Stanmorephysics.com


2.1.5 Kukwenza uzive njani ngoHlobo ukumamela kwakhe ngomonde lo Nkskz. Hobe athetha naye kwisicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (2)

2.1.6 (a) Ngqina ukuba umxholwana ovelayo kwesi sicatshulwa ngowenkohliso. (2)

(b) Ibenasiphumo sini le nkohliso kweli bali? (1)

2.1.7 (a) Xela eyona nto ayifuna ngamandla umlinganiswa onguHlobo kweli bali. (1)

(b) Enze ntoni amalungu *aseMoonglow* ukuzama ukuba uHlobo angayifumani le nto uyixele ku-(a)? (2)

2.1.8 Gqibezela esi sivakalisi silandelayo ngokukhetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli.

Kwinkcaza ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa isimo sikaHlobo sichazwa ngendlela ...

(a) (efihlakeleyo/engafihlakelanga). (1)

(b) Xela olu didi lozobo lusetyenzisiweyo ukumchaza. (1)

2.1.9 Thelekisa isizathu sokuza kwale ntokazi kwesi sikhululo samapolisa ngokwakwisicatshulwa nesokuza kwayo ekupheleni kwebali. (2)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com


2.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA D**

'Dick,' utshilo uMhle emva kokuphendlaphendla naye: 'Ndisabhalele kuKomani, ndibiza lo nkosk. Hobe uxelelwe ngaye ngunolali koko andikafumani mpendulo. Kunjalo nje kufuneka ndithumele enye incwadi ebakhumbuza ngalo mcimbi. 'Mhlekazi, uyazi nawe ukuba ndigunyaziswe ukuba ndiphande ngokufa kukaEddie; akukutsho ngoko ukuba ndingena emicimbini ekude nam.'

'Nakancinci, Dick; ndiqonda kakuhle.'

'Nantsi into endinga ndingayiqonda: Akungebi unalo uluhlu lwempahla elilungelo likamfi?'

'Kaloku into yokuqala esiyenzayo xa sisonga ilifa lomntu oswelekileyo kukucwangcisa izinto ezililungelo lakhe. Enye yezinto esimfunela zona uNorah Hobe kukuba asixelele ngezinye izinto angaba uyazazi engaba thina mhlawumbi siziphosile. Sesiyifumene inkcukacha efumanekayo, enjengeemali ezisezi bhankini nakweminye imizi yogcino lwemali.'

'Awungendibonisi?'

'Ukuba uyifunela uphando lwakho; ungayifumana.'

'Andinazimbi iinjongo mhlekazi.'

'Ndiza kukunika incwadi le uzibonele ngokwakho kuba zininzi, mfondini, zaye zivela kwiindawo ngeendawo,' watsho emnika umqulu lowo weencwadi ukuba azifundele. UHlobo ubethe nje phezulu kwinkcukacha yemali; wayengayinanze nganto kakade. Eyona wayefuna ukuyiqonda yimpahla eyiyenye kamfi. Ufikelele kwindawo echaza izinto eziselugcinweni lweAll-Safe Bank kwisebe layo elilapho eMonti.

2.2.1 Xela lo mcimbi kuthethwa ngawo kwesi sicatshulwa. (2)

2.2.2 Kwakutheni ukuze uHlobo athunyelwe kule ofisi kaMhlekazi? (2)

2.2.3 Lisixelela ntoni ngoHlobo igama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa? (2)

2.2.4 Ngqina ukuba uEddie ungunobangela wokuphumelela kukaHlobo ekubambeni abenzi bobubi. (2)

2.2.5 Kwezi ziganeko zilandelayo chonga zibeZIBINI eziqhubeka kwinqanaba lokuyondelana/lokujiya kwebali.

A UHlobo ukhubeka awe e*Moonglow* avele ukuba ungumcuphi.
B ULinda utsalela uEddie umnxeba esithi akaphumeleli ukuya ebhayaskophu.
C Amalungu e*Moonglow* abanjelwa ukubulala uEddie noLulama.
D ULinda uvalelwa esiseleni ngesityholo sokubulala uEddie noLulama. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


2.2.6 (a) Xela indawo eliqhubeka kuyo ibali ngokwakwesi sicatshulwa. (1)

(b) Le ndawo ibeluncedo njani ekuphumeleleni komnqweno kaHlobo wokufumana ababulali bakaEddie noLulama? (2)

2.2.7 Ngoobani abalinganiswa esingqamene nabo isihloko sale noveli? (1)

2.2.8 Kudluliswa myalezo mni ngoku kuqhubeka kwisicatshulwa? Xhasa impendulo yakho.

Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Umyalezo odluliswa sisicatshulwa. (1)

(b) Xhasa mpendulo oyinike ku-(a). (2)

**[35]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 3: *UMONWABISI* – ZA Japhta**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINi izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 3.1 noMBUZO 3.2.

3.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA E**

Wawungababona abasebenzi bakhe beququzela phakathi kwezo zihlwele behambisa iziphungo kuloo maxhego namaxhegokazi atsha lilanga elinde ukufika kwemoto kaRhulumente. Maxa wambi uThandabantu wayebakhela intente ukuze ibakhusele elangeni, emvuleni okanye engqeleni.

Abantu abaninzi ingakumbi abanye oosomashishini babemangaliswa yimpumelelo yakhe kwezoshishino, bambi bade bamtyhole ngokuthwala. Babephikisana ngendlela awaqala ngayo, kunye nendlela awayesenza ngayo ukuze loo venkile yakhe itsale nabakude lee kuyo. Babemangaliswa nayile nkcitho yakhe ingaka esenzela ububele ezo zihlwele zazize kuthenga kwakhe. Yiyo loo nto babemtyhola ngokuluthwalela ushishino. Le nto yokuthwala kwakhe uThandabantu yomelezwa yinkqayi awayesoloko enayo, kwaye evunywe nakukulima kuloo masimi makhulu ayehamba nezo venkile zazishiywe ngabamhlophe. Kuloo venkile yakhe kwakuthengiswa iitapile, iimbotyi kunye nezinye iintlobo zemifuno zonke zivunwe apho kwakhe.

Into yokusoloko echebe inkqayi yakhe yafuna ukumbalekisela ngabathengi, iintshaba zakhe ziyenza into enkulu loo nto. Babemtyhola ngokutsiba, besithi ukhe abonwe ebusuku ehamba phakathi kwaloo masimi akhe ayechume kunene, eze. Bafuna ukuqiniseka, babone nokuxhela kwakhe qho ngeempela-veki exhelela abo basebenzi kunye nabathengi kwakhe, besithi yinyoka yakhe leyo ifuna elo gazi lezo zilwanyana ... Kanti babemsukela nje, <u>kuba elona chiza lakhe yayikukuthanda exabise abo bantu</u> babethenga apho kwakhe.

3.1.1 Xela ezi zihlwele kuthethwa ngazo kwesi sicatshulwa. (1)

3.1.2 Kwakutheni ukuze abanye oosomashishini ibamangalise impumelelo kaThandabantu? (2)

3.1.3 Chaza indlela awayifumana ngayo uThandabantu ivenkile yakhe. (2)

3.1.4 Xela umfanekiso-ngqondweni oziswa libinzana elibhalwe ngqindilili kwinkcaza engezantsi.

'... evunywe nakukulima kuloo **masimi makhulu** ayehamba nezo venkile ...' (1)

Downloaded from Stanmorephysics.com

3.1.5 Kukwenza uzive njani ngoThandabantu oku kutyholwa kwakhe ngokuthwala kuthethwa ngako kwisicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (2)

3.1.6 (a) Ngqina ukuba umxholwana ovelayo kwesi sicatshulwa ngowobuntu. (2)

(b) Bubenasiphumo sini ubuntu bukaThandabantu kweli bali? (1)

3.1.7 (a) Xela eyona nto ayifuna ngamandla umlinganiswa onguThandabantu kweli bali. (1)

(b) Zimthintele njani izityholo uThandabantu ukuba ayifumane le nto uyixele ku(a)? (2)

3.1.8 Gqibezela esi sivakalisi silandelayo ngokukhetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli.

Kwinkcaza ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa isimo sikaThandabantu sichazwa ngendlela ...

(a) (efihlakeleyo/engafihlakalanga). (1)

(b) Xela olu didi lozobo lusetyenzisiweyo ukumchaza. (1)

3.1.9 Thelekisa impumelelo yamashishini kaThandabantu ngokwakwisicatshulwa nempumelelo yawo ekupheleni kwebali. (2)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com


3.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA F**

Yonke le mibuzo nothotho lweminye yazalisa loo ngqondo yakhe sele emana ukuziva ethetha yedwa. Wazinqanda sele emana ehamba-hamba apho endlwini. Wazixolisa ngokuthi yonke loo nto yehlileyo ibidalwe isekwe Ngophezulu, kuba uthe xa acinga indlela awayezama ngayo ukuba abo bantwana bakhe bazilumkele izinto ezinjalo, <u>ebanika ukuzingca</u> nokuzixabisa ukuze bakwazi ukuziphepha izihendo ezinjalo, waqonda ukuba noko ityala alinako ukubekwa kuye ngokupheleleyo. Kodwa wathi akuzama ukukhumbula nokuba kukanye apho wakha wahlala phantsi namantombazana la awacebise ewaxelela ngokukhula kwawo nangobudlelwane bawo nabantu abangamadoda ukuze bazokungena kwizinto ezinjalo sele belunyukisiwe, waxhitshulwa sisazela kuba akakhumbulanga nolu lunye usuku ekwenza oko. Koko yena wayegxininise kwimbonakalo yabo apho phakathi kwabo bantu bahleli nabo. Into yokuba loo mantombazana akhe ayekhula ngoko ke ayeza kudibana nezinto zokuthandana yamsithela yena nje esababona njengabantwana. Wakhumbula into yokuba kanene nokuba bayasela wayiqaphela emva kwethuba elide kakhulu, kwaye akenzanga nto ukuzama ukuba bohlukane nalo mkhwa koko uzame ukuba ufihlwe nakumyeni wakhe lowo. Intliziyo yakhe yopha ngakumbi xa ezo ngcinga zivela kuye.

3.2.1 Xela isenzo esenziwe nguHlubikazi esibangela ukuba uMamTolo afikelwe luthotho lwemibuzo ezalise ingqondo yakhe. (2)

3.2.2 Kwakutheni ukuze iintombi zikaMamTolo zingaqhelani nezizalwana zazo eNtshiqo? (2)

3.2.3 Isixelela ntoni ngoMamTolo inkcaza ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa? (2)

3.2.4 Ngqina ukuba ukungabikho kukaThandabantu phakathi kwekhaya nako kubengunobangela wokunxila kweentombi zakhe. (2)

3.2.5 Kwezi ziganeko zilandelayo chonga zibeziBINI eziqhubeka kwinqanaba lokuyondelelana/lokujiya kwebali.

A UGcinumzi ubhubha kwingozi yebhasi.
B Kufika isimumu esinguMaRhadebe kwaThandabantu.
C UThandabantu wenzelwa itheko lokumamkela.
D UMonwabisi unikwa isikhundla sokulawula amashishini kaThandabantu. (2)

3.2.6 (a) Xela indawo eliqhubeka kuyo ibali ngokwakwesi sicatshulwa. (1)

(b) Le ndawo ibeluncedo njani kwimpumelelo kaMonwabisi kwezoshishino? (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

3.2.7 Ngubani umlinganiswa esingqamene naye isihloko sale noveli? (1)

3.2.8 Kudluliswa myalezo mni ngoku kuqhubeka kwesi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho.

Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Umyalezo odluliswa sisicatshulwa. (1)

(b) Xhasa mpendulo oyinike ku(a). (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

Downloaded from Stanmorephysics.com


## ICANDELO B: IDRAMA

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kwezi drama zilandelayo:

- *Ndiyekeni* nguDM Jongilanga
- *Inzala YamaRhamba* nguM Mlokoti

Phendula YONKE imibuzo ekwidrama oyifundileyo.

### UMBUZO 4: *NDIYEKENI* – DM Jongilanga

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule drama uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINi izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 4.1 noMBUZO 4.2

4.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA G**

| | |
|---|---|
| MADALA: | Akusekho mntwana ufundiswa tywala kule mihla koko bazifundela kula maxethuka, befundiswa zezasemisingizaneni iititshala. Le ngxaki ayisayi kuze iphele ngaphandle kokuba sibe nazo zonke iindidi zezikolo kwiindawo esihlala kuzo, bayeke abantwana bethu ukushiya amakhaya bebancinane; babuye besiphathele umbayiyana wembabazana. Nangoko ayisayi kuphela kuthi cwaka kodwa iya kuthotha kunoku. |
| JEKWA: | Ingena phi yonke le ntshwaqane? Sihlalo, bamb' iintambo. Masigqibe ngale titshala. Makuvotwe ngoku. |
| NTABA: | Mhlalingaphambili, kudala ndiphulaphule nibeth' iintonga. Kucacile kum ukuba isininzi senu asibuboni ubungozi balo mkhwa kwikamva labantwana bethu ngenxa yokuyokozela kwemisebe yabo bubuthongo. Ninga ningasindisa umphefumlo omnye oselukiyakiyeka, kufe amawaka? Nithi masibukele ukudodiswa kwabantwana lihlabe umhlaba? Ndiyayibuka indoda enamandla emsebenzini wayo njengekhwezi lomso; itshabhe kum <u>yakungakwazi ukuzoyisa ebomini</u> apha. Linye ke sihlalo nali – utitshala lo makacelwe arhoxe emsebenzini, singaxhaphisi izandla zethu ngegazi lakhe eliphuma kumanxeba abangwe kukuzikhanda kwakhe ngelitye elibona. |
| MADALA: | Ithini indlu kule ndawo? Ndiphawula ukuba niwa ngokuwa nixel' iinkonjane namahlabankomo kwimbutho yeembuzane nezintlwa. 'MAKARHOXE NGOKU' atsho amalungu ngaphandle koMavuso. |
| MADALA: | Uyeva ke mfo kaNdila ... |
| NDILA: | Ndiyabulela nkos'am andinawo amazwi omele emqaleni. Ndiza kuhlangabezana nomnqweno wenu lingatshonanga eli. Enkosi. |
| MADALA: | Masivale. *(kuvalwe kugodukwe.)* |

Downloaded from Stanmorephysics.com


4.1.1 Xela ukuba bayintoni eNobutho aba bantu baxoxa kule ntlanganiso iqhubeke kwesi sicatshulwa. (1)

4.1.2 Kutheni uJekwa esithi intetho kaMadala yintshwaqane? (2)

4.1.3 Chaza indlela owafikelela ngayo kuMawonga lo mcimbi kuxoxwa ngawo kule ntlanganiso. (2)

4.1.4 Xela umfanekiso-ngqondweni oziswa ligama elibhalwe ngqindilili kwinkcaza engezantsi.

'... umphefumlo omnye **oselukiyakiyeka**, kufe amawaka?' (1)

4.1.5 Ikwenza uzive njani ngoNdila le ngxoxo iqhubeka kwesi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (2)

4.1.6 (a) Ngqina ukuba umxholwana ovelayo kwesi sicatshulwa ngowokuba ukoyiswa kukuziphatha kukhokelela kwisiwo. (2)

(b) Kubenasiphumo sini ukoyiswa kukuziphatha kukaNdila kweli bali? (1)

4.1.7 (a) Xela eyona nto ayifuna ngamandla umlinganiswa onguMawonga kweli bali. (1)

(b) Wenze ntoni uNdila ebangele ukuba uMawonga angayifumani le nto uyixele ku-(a)? (2)

4.1.8 Gqibezela esi sivakalisi silandelayo ngokukhetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli.

Kwinkcaza ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa isimo sikaNdila sichazwa ngendlela ...

(a) (efihlakeleyo/engafihlakelanga). (1)

(b) Xela olu didi lozobo lusetyenzisiweyo ukumchaza. (1)

4.1.9 Thelekisa izimvo zikaMadala kule ntlanganiso iqhubeka kwesi sicatshulwa kunye nezimvo zakhe kwintlanganiso engokunxila kukaMawonga. (2)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com


4.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA H**

MAZIKO: Lo mcimbi awufuni zingcali namachelezi, uphandle nje. Yiyani nje phaya esikolweni ngomso lo, niya kufika eludaka. Ukuba niya ngoMvulo, olona suku lwakhe, nibize abahloli kwangoMvulo lowo zinganqakra.

MADALA: Ingathi lililo elo lakho kunjalo nje alingezi nakuthetha kwathini na.

MAZIKO: Kuyo yonke ke le nto unga akungelibali ukuba indawo le ndiyincwase mpela, ndaye ndizimisele.

MADALA: Xa kunjalo ke mfowam yazi ukuba amatwina ayahlutshezwa ukuze abambe.

MAZIKO: Cacisa bawo.

MADALA: Kanti andithethi siLungu. Ukuba uyindoda, nandoda indoda yomXhosa umelwe kukundiva. Yintakobusi yodwa ethanda ubusi ingakwazi ukuphakula.

MAZIKO: O! Hayi ke ndiyaqal' ukukuva ke ngoku. Ndikuloo nto ukuyo nawe. Ndazi mhlophe ukuba intakobusi ishiyelwa elenkosi inqatha.

MADALA: Uthe kanti uyindoda titshala. Into enje ke mfo wam, ngakumbi eyamadoda ivalelwa macal' onke ibolele ngaphakathi.

MAZIKO: Hayi ungafane uxhale. Kaloku ndakha ndalusa andiLawu lantaba. Ubuchule kukubasa isiduli xa usoja ebiweyo.

MADALA: Kulungile titshala, ingathi umqa awunakomela luphinini luphethwe ngabazamisi.

MAZIKO: Isichotho sizibika ngemibane kanti ithole likanogumbe alithwalisi mehlo kuba lindululwa ngumrhubhe wenkungu. Unga lo mcimbi unganjalo

4.2.1 Xela lo mcimbi athi uMaziko awufuni zingcali kwesi sicatshulwa. (2)

4.2.2 Kutheni uMaziko eze kwaMadala? (2)

4.2.3 Isixelela ntoni ngoMaziko inkcaza ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa? (2)

4.2.4 Ngqina ukuba uMaziko ungunobangela wokungavani kukaNdila noMawonga. (2)

4.2.5 Kwezi ziganeko zilandelayo chonga zibeZIBINI eziqhubeka kwinqanaba lokuyondelana/lokujiya kwebali:

A UFuneka ugxotha uMawonga endlwini yakhe.
B UMawonga uxoxisa uNdila ngokuthuma abantwana utywala ngexesha lesikolo.
C UNdila ugwetywelwa ukuxhonywa.
D UMawonga ucela uthando kuZanele ethekweni likaFuneka. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


4.2.6 (a) Xela indawo eliqhubeka kuyo ibali ngokwakwesi sicatshulwa. (1)

(b) Le ndawo ibeluncedo njani ekuphumeleleni komnqweno kaMaziko wokuba yinqununu? (2)

4.2.7 Ngubani umlinganiswa esingqamene naye isihloko sale drama? (1)

4.2.8 Kudluliswa myalezo mni ngoku kuqhubeka kwesi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho.

Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Umyalezo odluliswa sisicatshulwa. (1)

(b) Xhasa mpendulo oyinike ku-(a). (2)

**[35]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 5: *INZALA YAMARHAMBA* – M Mlokoti**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule drama uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINi izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 5.1 noMBUZO 5.2.

5.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA I**

| | |
|---|---|
| NOYONGO: | Oh! Sana lwam sowuvukile? |
| DINA: | Ewe Sis' Yongs. |
| NOYONGO: | Kulungile sisi, ndiyavuya ukukubona usemandleni. Bekunzima mpela phezolo, ndikubonile ntombi. |
| DINA: | Ewe bekunzima nyhani sisi, loo nto ndisenentloko nangoku. |
| NOYONGO: | Ifanele kaloku sisi, yho! Ngokwala meko ubukuyo izolo. Kunjalo ndikuqondile nje ukuba uza kuvuka uneyakhe yambi yona ibhabhalaza inkunzi yayo. |
| DINA: | Yho sisi! Uphi ubhutiza? |
| NOYONGO: | Ngubani ubhutiza? |
| DINA: | Lo wale ndawo. *(Ehleka eyokozelisa imisebe)*. |
| NOYONGO: | Hhe hhe bantu! Ayingobhutiza lowa nguMlungu. |
| DINA: | Hehehehe! *(Eyoko yoko)*. Hayi wethu Sis' Yongs, yintoni umahluko? |
| NOYONGO: | Tyhini! Hhe wethu ntombi kusemsebenzini apha. Sonke sisebenzisa indlela enye yokuthetha, sithi Mlungu. |
| DINA: | Hehehe! Sis' Yongs, ndiyakuva. |
| NOYONGO: | Jonga sana lwam, unethamsanqa wena ngoba uza kwamkela nje ungasebenzanga kule iveki. Uthe uMlungu awuzokusebenza kule iveki kuba uqala. Kodwa ufuna uziqhelanise nje nomsebenzi. |
| DINA: | *(Encumile)* - Kulungile Sis' Yongs. |
| NOYONGO: | Uza kuqala wena kule veki izayo. UMlungu uthe masikuphe nje le yona iveki, uziqhelanise nomsebenzi. |
| DINA: | Kowu! Unobuntu ke khona. Ndiyabulela Sis' Yongs. |
| NOYONGO: | Kulungile sana lwam. Kodwa kufuneka uvuke ngoku sisi uhlambe ukuze siye ngaphambili kwabanye, ukuze ubone... .................................................................................. |
| DINA: | Andazi kaloku mna Sis' Yongs, andazi kwanto apha, ndifike kunje. |
| NOYONGO: | Yho! Hayi kaloku sana, ndingayintoni nguMlungu. Akufuneki i*Mini-Bar* ibethe umoya ... |

5.1.1 Xela obu bunzima kuthethwa ngabo kwesi sicatshulwa. (1)

5.1.2 Kutheni uDina eyibona iyinto engeyongxaki eyokuthi bhutiza kuThambolenyoka? (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


5.1.3 Chaza ukuba wangena njani uDina kulo msebenzi wakwaThambolenyoka: (2)

5.1.4 Xela umfanekiso-ngqondweni oziswa ligama elikwizibiyeli kule ntetho ingezantsi.

'... (*Encumile)* - Kulungile Sis' Yongs.' (1)

5.1.5 Ikwenza uzive njani ngoNoyongo le ngxoxo iqhubeka kwesi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (2)

5.1.6 (a) Ngqina ukuba umxholwana ovelayo kwesi sicatshulwa ngowokufakwa kwabantwana kwiziyobisi ngabantu abadala. (2)

(b) Kubenasiphumo sini ebalini ukungena kukaDina kumgibe weziyobisi? (1)

5.1.7 (a) Xela eyona nto ayifuna ngamandla umlinganiswa onguThambolenyoka kweli bali. (1)

(b) Wenze ntoni uDina ebangele ukuba angayifumani uThambolenyoka le nto uyixele ku-(a)? (2)

5.1.8 Gqibezela esi sivakalisi silandelayo ngokukhetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli.

Kwinkcaza ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa isimo sikaThambolenyoka sichazwa ngendlela ...

(a) (efihlakeleyo/engafihlakelanga). (1)

(b) Xela olu didi lozobo lusetyenzisiweyo ukumchaza. (1)

5.1.9 Thelekisa isimo sikaDina ngokwakwisicatshulwa nesimo sakhe ekupheleni kwebali. (2)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com



5.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA J**

| | |
|---|---|
| MBHOTOLOSHI: | Hayi uyinkunkqela kamakhwekhwetha womcuphi Sajini Gxalaba. Ndikothulela umnqwazi. |
| GXALABA: | Hahaha. Hayi ungancomi mna Sajini. Oyena makhwekhwetha nguye lo uchophe ecaleni kwakho. |
| MBHOTOLOSHI: | Uthetha ukuthini? |
| GXALABA: | *(Ekhomba ngentloko kuDina)* –Yitsho akubalisele. |
| MBHOTOLOSHI: | Kunjalo Sajini? |
| DINA: | Nam ndingaba ndiyazigwagwisa ukuba ndingathi licebo lam Sajini. Asilocebo lam licebo likaThixo. Ngoba ukuba bendilandele elam icebo, ngeba mhlawumbi ndim ngoku okule ndawo kaThambolenyoka, ndinkolo-nkoloza kwesimnyama isisele. |
| MBHOTOLOSHI: | Cacisa Sajini. Ndiyaphela kukungxama. |
| DINA: | Kaloku bendisele ndithenge nesixhobo mna Sajini. Ndiza kumbulala nje nya uThambolenyoka. Kwathi kanti uThixo uyabona, waliphanzisa elo cebo lam, ngokuthi eso sixhobo sam sisuke sibhaqwe ngumkhuluwa wam xa kanye ndiza kusisebenzisa. Wandikhalimela kabukhali ngelithi mandingathatheli umthetho ezandleni zam. Kwathi kanti ngolo hlobo kuza kuvela eli icebo likaThixo. |
| MBHOTOLOSHI: | Khawude uvele Sajini. Wenza njani? |
| DINA: | Kaloku Sajini emva koko ndeza apha kuSajini Gxalaba kwangaloo mini. Sawuxubusha lo mbandela kangangoko, saphantse sachitha iiyure ezintandathu zonke siwuphethe. |
| MBHOTOLOSHI: | Ndiphulaphule Sajini. |
| DINA: | Sagqiba kwelokuba masibabambe sibavalele eziseleni ngabanye-ngabanye, uNozici, Nozigoci noNomhase ngokulandelelana kwabo. Athi ngamnye esimbambileyo samvalela, simchaze eluntwini ngokungathi ugetyengiwe wabulawa. |

5.2.1 Xela esi senzo asenzileyo uSajini Gxalaba ukuze anconywe ngokwakwisicatshulwa. (2)

5.2.2 Kutheni uMbhotoloshi engayazi ukuba kwenziwe njani ukuze ade abanjwe uThambolenyoka? (2)

5.2.3 Isixelela ntoni ngoSajini Gxalaba inkcaza ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa? (2)

5.2.4 Ngqina ukuba ooNoyongo bangunobangela wokuphumelela kukaNyoka ekuxhaphazeni abantwana. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


5.2.5 Kwezi ziganeko zingezantsi chonga zibeziBINI eziqhubeka kwinqanaba lokuyondelelana/lokujiya kwebali:

A OoSdokhwe baleqa uDina ngenjongo yokumbulala.
B UDina ufumana iselula kuNoyongo.
C UThambolenyoka uyagwetywa.
D UDina ugxothwa nguThambolenyoka kuba ekhulelwe. (2)

5.2.6 (a) Xela indawo eliqhubeka kuyo ibali ngokwakwesi sicatshulwa. (1)

(b) Le ndawo ibeluncedo njani ekuphumeleleni komnqweno kaDina wokubambisa uThambolenyoka? (2)

5.2.7 Ngubani umlinganiswa esingqamene naye isihloko sale drama? (1)

5.2.8 Kudluliswa myalezo mni ngoku kuqhubeka kwesi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho.

Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Umyalezo odluliswa sisicatshulwa. (1)

(b) Xhasa mpendulo oyinike ku-(a). (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

Downloaded from Stanmorephysics.com


## ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kula mabali mafutshane alandelayo:

- 'Izibhovubhovu Zasebhayi' – LL Ngewu
- 'Kanti Andizenzanga' – EZ Guqa

Phendula YONKE imibuzo ekwibali elifutshane olifundileyo.

**UMBUZO 6**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kumabali amaBINI uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINi izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 6.1 noMBUZO 6.2

**'IZIBHOVUBHOVU ZASEBHAYI' – LL Ngewu**

6.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA K**

Kwalile ngeny'imini ezi zikrelemnqa zigqiba kuqhuba njengesiqhelo emzini wesiqhuza somfo wakwaMaqhazolo, kanti azivumisanga ukuba umninimzi ubesel'ezincamile ethe maxhalanga ndidleni kuba amade ngawetyala. Ziwushiyile umnyango ebezingene ngawo zihamba ngokukhululekileyo ukuya ngasesangweni, zixhakazela izinto zeli khaya. Zanele nje ukusondela kwelo sango beziza kuphuma kulo, umfo kaMaqhazolo wakhulula irhuluwa kwahlokoma iDike yonke. Ulibethe lavuthuluka iqatha lesikrelemnqa langathi ngamagqabi omthi ubethwe ngamatye esichotho. Ezinye izikrelemnqa zithe zakuqonda ukuba izinto zonakele zaphel'emehlweni zingacelanga nendlela njengesiqhelo. Zilahle kwanto zisindisa nje ubom bazo. Zisishiye esinye isikrelemnqa sixabe endleleni sidliwa ziintlungu zembumbulu eshiye nje ulwamvila yagqitha.

Amadoda angabamelwana athi akuva liduduma izulu lezandla, nakuba lizolile nje, azula ezindlwini exakwe ukuba aza kuzifihla phi na. Wambi azincama, akroba kancinci ngezikroba zezitshixo zeengcango zemizi yazo izibilini ziphezulu. Umfazi uqhube indoda yakhe esithi, 'Yini yise kaNobani uyindoda yokwenzani xa siza kufel' endlwini ukho', iphendule indoda ngelithi, 'Ngubani lo owakuxokisayo wathi ndiyindoda yezibham? Mna ndifundile nje andisosidenge, ngoko ke andinakuya ekufeni ndikubona, kuba abukho obusetyesini mfazi'.

6.1.1 Xela esi siqhelo kuthethwa ngaso kwisicatshulwa. (1)

6.1.2 Kwakutheni ukuze izikrelemnqa ziphume ngokukhululekileyo ukuya ngasesangweni? (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

6.1.3 Chaza indlela amadoda aseDikeni ayekubonakalisa ngayo ukuzoyika izibhovubhovu. (2)

6.1.4 Xela umfanekiso-ngqondweni oziswa ligama elibhalwe ngqindilili kwinkcaza engezantsi.

'Ulibethe **lavuthuluka** iqatha ...' (1)

6.1.5 Sikwenza uzive njani ngesikrelemnqa isenzo sokudutyulwa kwaso? Xhasa impendulo yakho. (2)

6.1.6 (a) Ngqina ukuba umxholwana ovelayo kwesi sicatshulwa ngowokuba umntu omnye ozinikeleyo unakho ukuludala utshintsho. (2)

(b) Kubenasiphumo sini ebalini oku kuzincama kukaMaqhazolo? (1)

6.1.7 (a) Xela eyona nto ifunwa ngamandla zizibhovubhovu zaseBhayi kweli bali. (1)

(b) Wenze ntoni uMaqhazolo okubangele ukuba izibhovubhovu zingayifumani le nto uyixele ku-(a)? (2)

6.1.8 Kwinkcaza ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa isimo samadoda aseDikeni sichazwe ngendlela:

(a) (efihlakeleyo/engafihlakelanga). (1)

(b) Xela olu didi lozobo lusetyenzisiweyo ukuwachaza. (1)

6.1.9 Thelekisa isimo sesikrelemnqa esidutyulweyo ngokwakwisicatshulwa nesimo saso ekupheleni kwebali. (2)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**'KANTI ANDIZENZANGA' – EZ GUQA**

6.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA L**

UMaDosini ke ubesoloko elungele ukusombulula nasiphina isishiqi unyana wakhe asibona njengento engxamel'ukuxaka intendele. Xa kutshawuza imibane, uMntuyedwa ubenethemba lekhusi elingunina. Xa kusiwa amachaphaza andulela isichotho, unkabi ubengaziva evikivekile kuba ubesazi ukuba akanakuba licham kuba unina eyintonga yokumvikela. Ukhule njalo ke lo mfo ekhulela ekhusini elingunina.

Kwalile xa ineminyaka elishumi elinesithathu le nkewu, kwacaca ukuba kuyo kukho ukunqongophala kwezinto ezintama ubukhwenkwe enkwenkweni. Inkwenkwe xa ifikele kweli nqanaba iyaqala ukumana ingqokolisa ilizwi ngokubonakalayo ukuba imi embindini owahlula ubukhwenkwe kubudoda. Elikarheme ilizwi alaphukanga koko lishiyeke ingathi lilizwi lentombazanana efikisayo. UMaDosini ayimhluphanga nganto imeko yokuqhwalela kobukhwenkwe kulo nyana wakhe. Into ayivuyeleyo yena kukukhuthalela konyana wakhe umsebenzi wendlu. Ubepheka unkabi abashiye abantu bemunc'iintupha benethemba lokuphinda baphakelwe kuba besazi ukuba lopha ngokuphindwa. Unkab'amalanga ebezityabeka iindonga zezindlu zakowabo atyabuke izandla, anikine intloko obukeleyo esithi, 'utyaphile umfo kaXhalabile abekho!'

Ifuthe likanina limenze uMntuyedwa wabaqhela kakhulu abantu basetyhini kangangokuba neendaba zakhe beziyondelelana nezabo. Ubungafika enabe zwii elwalweni ecaleni komlambo esidl'imbadu neentombi zelali, unge ungamrhiwula, umthwebule engathandanga, uye kumlahla ecaleni kothango.

6.2.1 Xela esi senzo ebesoloko elungele ukusenza uMaDosini ngokwakwesi sicatshulwa. (2)

6.2.2 Kwakutheni ukuze uMntuyedwa akhulele ekhusini elingunina? (2)

6.2.3 Isixelela ntoni ngoMntuyedwa inkcaza ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa? (2)

6.2.4 Ngqina ukuba uMadosini akamkhuthazanga uMntuyedwa ukuba aqhelane nemisebenzi eyaziwa njengeyamakhwenkwe. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


6.2.5 Kwezi ziganeko zilandelayo chonga zibeZIBINI eziqhubeka kwinqanaba lokuyondela/lokujiya kwebali:

A UMntuyedwa ubizelwa imbizo ngamakhwenkwe elali yaseSikhobeni.
B UMadosini uyalela uMntuyedwa ukuba emke eSikhobeni.
C UMntuyedwa ufika kwilali yaseMyameni.
D UNtandoyakhe uxelela uMaDosini isigqibo sembizo yakomkhulu. (2)

6.2.6 (a) Xela indawo eliqhubeka kuyo ibali ngokwakwesi sicatshulwa. (1)

(b) Le ndawo incedise njani ekutshabalaliseni umnqweno kaMaDosini wokuba unyana wakhe amkeleke eluntwini? (2)

6.2.7 Ngubani umlinganiswa esingqamene naye isihloko seli bali? (1)

6.2.8 Kudluliswa myalezo mni kweli bali? Xhasa impendulo yakho.

Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Umyalezo odluliswa libali. (1)

(b) Xhasa mpendulo oyinike ku-(a). (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 35**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**ICANDELO D: ISIHOBE**

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kule mihobe ilandelayo:

- 'Intambanane' nguZ Mtumane
- 'Ingcwaba' nguS Maputi

Phendula YONKE imibuzo ekwimibongo oyifundileyo.

**UMBUZO 7: *IVAMNA BAFAZI BOLUSU* – S Maputi nabanye**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule mihobe uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuyo yomiBINi imibongo oyifundileyo, oko kukuthi UMBUZO 7.1 noMBUZO 7.2

7.1 Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo uze uphendule imibuzo.

**INTAMBANANE – Z Mtumane**

Ntinga ntakandini!
Nditsho kuwe ke ntambanane,
I**nt**ak'e**nt**ingel'esibhakabhakeni,
Iwujongel'ezantsi won' umhlaba,
Inge ngathi iyawuhlola.

Ndikhe ndikubon'undanda,
Maxa wamb'ud'utyityimbe,
Ube ngath'uyadlisela,
Kwabo bakubukeleyo.

Zange ndayibon'intak'ekwaz'ukum'emoyeni,
Ime ndawonye yenz'amadliselo,
Kodwa mhla ndabona wena ntambanane,
Ndabona umhlola wemihlola,
Umi ndawonye esibhakabhakeni,
Uxhents'utyityimba phezulu phaya.

Wena wenz'imihlali kwabany'abantu,
Bathi besakukubon'usenza le mihlola,
Bangabi nakho ukuzibamba,
Baqhwabe izandla besombelela wena,
Bade bakulinganise xa utyityimbayo,
Baxhentse kube buhlung'amaqatha,
Zingashiyeki nazo izithende,
Ngenxa yakho ntambananendini.

Downloaded from Stanmorephysics.com

Kodwa uyafana nothekwane,
Nangon'umhle nje ukwambi,
Azonwabi iinkukhu nguwe,
Zisakukubona ziyadandatheka,
Ngenxa yobo bubi bakho.
Uyawagqib'amantshontsho azo,
Ungafika ebaleka,
De atyhobeke nasematyholweni,
Kuba ebone wena ntambanane.

Kaloku awunalusini kuwo,
Uzifaka zeyele iinzipho,
<u>Nakwiyukwana lentshontshwana eli,</u>
Uhambe umke nalo,
Ukuya lee ezintabeni,
Ulenze isidlo sakho.

Yiyo le nto ungemhle kakhulu,
Kubantu abafuye iinkukhu,
Kub'uyabaphazamisa wena
Kwimizamo yabo yokuvelisa,
Batsho bahlwempuzeke ke bona
Ngenxa yakho ntambananendini.
Sala kakuhle ntambanane.

7.1.1 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli.

Isixhobo sesandi esibhalwe ngqindilili kwisitanza soku-1 sibizwa ngokuba (lundindwano/yimfanozandi). (1)

7.1.2 Tolika igama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kulo mqolo ungezantsi.

'Inge ngathi <u>iyawuhlola</u>.' (2)

7.1.3 Khetha impendulo ibeNYE echanekileyo kwezi zingezantsi.

Isafobe esikulo mqolo; 'Nangon' umhle nje ukwambi,' ...

A lufaniso.
B lubaxo.
C luchasaniso.
D lugxininiso. (1)

Downloaded from Stanmorephysics.com


7.1.4 Xela lo mhlola wemihlola ithetha ngawo imbongi kulo mqolo ungezantsi wesitanza sesi-3 salo mbongo.

'Ndabona umhlola wemihlola' (2)

7.1.5 Chonga igama kwisitanza sesi-5 elithetha ukukhathazeka kakhulu. (1)

7.1.6 Xela umfanekiso-ngqondweni oziswa ngumqolo okrwelelwe umgca ngaphantsi kulo mbongo. (1)

7.1.7 Kukwenza uzive njani ngeli ntshontsho kubhekiswa kulo kwisitanza sesi-6 ukubanjwa kwalo ngeenzipho yintambanane? Xhasa impendulo yakho (2)

7.1.8 Uqaqambisa ntoni ngentambanane lo mqolo ungezantsi wesitanza sesi-6 salo mbongo?

'Ulenze isidlo sakho.' (2)

7.1.9 Xela ukuba intambanane ikudala njani ukuhlwempuzeka kwabantu abafuye iinkuku ngokomhlathi wesi-7. (2)

7.1.10 Sahluka njani isitanza sesi-4 kwesesi-7 ngokomongo? (2)

7.1.11 Ingaba imbongi ngokwalo mbongo iyayithanda intambanane? Xhasa impendulo yakho. (2)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com


7.2 Funda lo mbongo ulandelayo uze uphendule imibuzo.

**INGCWABA – S Maputi**

Simanga somngxuma, awuhluthi,
Umntu simgqibela ekhaba;
Emva kwethuba umhluthe;
Umphathele imbengwana ephanda;
Uncume, kaloku uhlobene nokufa;
Sele bemi ngemihlakulo besomba;
Ukhintsele usala nokuthufa.
Umhla, iveki, ngabanye behamba;
Ukhamisela emoneni, umumatha;
Puqa! Loo <u>mkhaba</u> unge ugcwele ufuthe.
Ezibhedlele, nasezindleleni uthungatha;
Kungantsuku zatywala uwuthe;
Akabethelwa nangu 'doh' umnini,
Emathunjini omhlaba **kwesakhe** isilili.

7.2.1 Xela ukuba kutheni imbongi isithi 'simanga somgxuma' ingcwaba kulo mbongo? (1)

7.2.2 Nika isithethantonye segama, 'ingcwaba'. (1)

7.2.3 Ngcingani eziswa yile miqolo mibini ilandelayo yalo mbongo?

'Umntu simgqibela ekhaba'
'Emva kwethuba umhluthe' (2)

7.2.4 Qwalasela lo mqolo ungezantsi walo mbongo.

'Uncume, kaloku uhlobene nokufa'

(a) Nika intsingiselo yegama, 'ukuhlobana.' (1)

(b) Cacisa ukuba lihlobana njani ingcwaba nokufa. (2)

7.2.5 Caphula umqolo othetha ukuba abantu bafa mihla yonke. (2)

7.2.6 Liwakhangela phi amaxhoba ingcwaba ngokwalo mbongo? Xela iindawo zibeMBINI. (2)

7.2.7 Nika umfanekiso-ntelekelelo oziswa ligama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kulo mbongo. (2)

7.2.8 Libhekisa kubani igama, 'kwesakhe', elibhalwe ngqindilili kulo mbongo? (1)

7.2.9 Ngqina ukuba imiqolo emi-2 yokugqibela yalo mbongo yikhaphulethi. (2)

7.2.10 Nika umxholo walo mbongo. (2)

**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**
**AMANQAKU EWONKE 70**

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ISIKHOKELO SOKUMAKISHA**

1. Umfundi akavumelekanga ukuphendula ngaphezu kombuzo omnye kwijenra enye.

2. Ukuba umfundi unike iimpendulo ezimbini apho le yokuqala ingamkelekanga, ize le yesibini ibe yeyamkelekileyo, makisha le yokuqala **ungayihoyi** le yesibini nokuba yiyo ayiphendule kakuhle.

3. Ukuba imibuzo inonjolwe ngendlela engeyiyo, makisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwimemo.

4. Ukuba impazamo yopelo inika ntsingiselo yimbi kule ibilindelwe, musa ukunika inqaku kuloo mpendulo. Ukuba ayiyichaphazeli intsingiselo, nika inqaku ngokufanelekileyo.

5. Ukuba umfundi akazisebenzisanga iimpawu zocaphulo apho ayalelwe ukuba acaphule, **makangohlwaywa**.

6. **Kwimibuzo evulelekileyo**, akukho manqaku anikwa uEWE/HAYI okanye u-NDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Isizathu/Ukuxhasa/Ukungqina yeyona nto mayinikwe ingqalelo.

7. Akukho manqaku aya kwabelwa uYINYANI/ASIYONYANI okanye LULUVO/YINYANI. Isizathu/Ukuxhasa/Ukungqina yeyona nto mayinikwe ingqalelo.

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO A: INOVELI

### UMBUZO 1: *KUSA KUSIHLWA* – KS Bongela

### ISICATSHULWA A

1.1 1.1.1 Yeyokufuna kukaNomakhwezi ukuzisa udadobawo wakhe uYolisa naye aze kuncedisa evenkileni yakwaNtsibande. √ (1)

1.1.2 Kungokuba xa engalalanga endlwini uLungile ngenxa yomsebenzi uNomakhwezi ukholelwa ukuba ulele kumntu anokuba uthandana naye.√√ (2)

1.1.3 Wayemana ethuthela uNomakhwezi iindaba zokuba bathi abantu baseGliblands ivenkile yakwaNtsibande idulu kakhulu kwaza oko kwenza ukuba uNomakhwezi abenekratshi ngakubo√√/ uNozililo uzise ulwimi lokuba kuyathethwa ngoLungile ukuba uyathandana kwaza oko kwenza uNomakhwezi abajonge kakubi abathengi abangabasetyhini abancokola noLungile√√/ wayesithi kwaNtsibande kuthengiswa izinto zomgunyathi.√√ (2)

1.1.4 Ngumfanekiso-ngqondweni weliso√/ ngowokubona. √ (1)

1.1.5 Indenza ndimsizele√/ndibenomsindo√ kuba uLungile ubekwa izityholo ezingeyonyani nguNomakhwezi√/ kuba ULungile akalenzi ithuba elaneleyo lokuhlala nosapho lwakhe, uxabise kakhulu umsebenzi.√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

1.1.6 (a) Kunjalo kuba uLungile noNomakhwezi bayaphikisana ingulowo ufuna kuphumelele olwakhe uluvo malunga nokuza kuncedisa kukaThamsanqa noYolisa evenkileni√√/ kuba uNomakhwezi akamthembi uLungile ukuba ngumsebenzi omenza angalali ekhaya.√√ (2)

(b) Kubangele ukuba bafumane ingozi yemoto basweleke bobabini beshiya uMpumelelo eyinkedama. √ (1)

Downloaded from Stanmorephysics.com

1.1.7 (a) Kukukhulisa ishishini lakwaNtsibande ukuze libelilifa losapho lonke. √ (1)

(b) Wenze iyelenqe lokuzama ukutshisa ivenkile yakwaNtsibande√√/uye waqhubeka ebanga ivenkile yakwaNtsibande naxa sele bebhubhile ooLungile√√/wenze iyelenqe lokuzama ukuba abulawe uMpumelelo. √√ (2)

1.1.8 (a) engafihlakalanga. √ (1)
(b) Luzobo- ngqo√ (1)

1.1.9 Ngokwakwisicatshulwa le venkile yakwaNtsibande ikwizinga eliphantsi kakhulu kuba abaxhasi babenqongophele kanti ekupheleni kwebali izinga layo lalise liphezulu kakhulu, yandisiwe kwafakelelwe nesilarha. √√ (2)
**[18]**

**KUNYE**

**ISICATSHULWA B**

1.2 1.2.1 Sesokunyanga isigulana esasigula ngengqondo. √√ (2)

1.2.2 Kungokuba wayesithi ubizwa ngamawabo ephupheni esithi ubizo lwakhe luseLusikisiki. √√ (2)

1.2.3 Ukuba uMpumelelo waye wangundaba-mlonyeni enconywa kwiindawo ngeendawo ngabantu abaninzi. √√ (2)

1.2.4 Kunjalo kuba uLungile wamyala uMpumelelo ukuba angaze ayiyeke imfundo, afunde abengumntu elizwen√√/ ebezalisekisa umnqweno katata wakhe wokuba afunde abengumntu elizweni. √√ (2)

1.2.5 A. UNomakhwezi utyoboza imoto yomsebenzi kaLungile. √
D. UNtongana uya kufuna iincwadi zevenkile kuThamsanqa.√ (2)

1.2.6 (a) KuseLusikisiki√/ kuseTranskei. √ (1)

(b) Ngokuthi imnike ithuba lokuba kugqame ubukrelekrele bakhe nesakhono sakhe esigqwesileyo kwezonyango. √√ (2)

1.2.7 NguMpumelelo. √ (1)

Downloaded from Stanmorephysics.com

1.2.8 (a) Ngowokuba umntu makenze imisebenzi emihle ukuze awongwe ngayo√/ umntu makanconywe xa esenza okuhle. √ (1)

(b) kuba uMpumelelo unconywa ngegalelo lakhe elihle alenzileyo kwezonyango. √√ (2)

**[17]**

**[35]**

**UMBUZO 2: *UMQOL'UPHANDLE* – MAP Ngani**

**ISICATSHULWA C**

1.1 2.1.1 Yeyokubulala uEddie Maga noLulama Zuma. √ (1)

2.1.2 Kungokuba yena wayecinga ukuba ingumntu ophungulekileyo kodwa ngokuya ethetha nayo yaveza ulwazi alubone lubaluleke kakhulu kuphando lwakhe√√/ yabonisa ingqondo ezinzileyo nokuqiqa ngeenkcukacha ezinokubangela ukuba uEddie abulawe.√√ (2)

2.1.3 UHlobo uxelelwe nguLizzie ukuba unomyalezo osuka kuSajini Ngqondi othi uyafuneka esikhululweni samapolisa kanti ubizelwa le ntokazi.√√ (2)

2.1.4 (a) Ngumfanekiso-ngqondweni wendlebe√/ ngowokuva. √ (1)

2.1.5 Kundenza ndimsizele√/ ndibenexhala√/ ndimthande√ kuba uHlobo ucinga ukuba nguNkskz. Hobe wokwenyani lo athetha naye akaqondi ukuba uyaqhathwa√/ kuba uHlobo angaphela ehamba nalo mrhiba awuva ngale ntokazi ungebungqina buphathekayo√/ kuba nangona le ntokazi ibibonakalise ukubangqathu-ngqathu nje kodwa uHlobo uyinike imbeko ngokuyimamela eyinika imbeko efanele ukunikwa umntu.√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

2.1.6 (a) Kunjalo kuba uThembisa Ntlokonkulu lo uzenza umakazi kaEddie ulahla umkhondo ukuze bangafunyanwa bona bantu babulele uEddie noLulama.√√ (2)

(b) Ibangele ukuba kubanjwe uLinda njengomrhanelwa endaweni yabona babulali bakaEddie√/uHlobo uchithe ixesha elandela umkhondo okhomba kuLinda.√ (1)

Downloaded from Stanmorephysics.com

2.1.7 (a) Kukusombulula isishiqi sokubulawa kukaEddie noLulama√/ kukufumana ababulali bakaEddie noLulama.√ (1)

(b) Enze amayelenqe okusulela ityala kuLinda ukuze bonke ubungqina bukhombe kuye.√√ (2)

2.1.8 (a) engafihlakelanga. √ (1
(b) Luzobo-ngqo√ (1)

2.1.9 Ngokwakwisicatshulwa ingumakazi kaEddie oze ngenjongo yokuba kuphandwe uLinda, emtyhola ngokubulala uEddie√ kanti ekupheleni kwebali iza inguThembisa Ntlokonkulu obanjelwa ukubulala uEddie. √ (2)
**[18]**

**KUNYE**

**ISICATSHULWA D**

2.2 2.2.1 Ngowokufuneka kukaNkosikazi Hobe osisizalwane sikaEddie malunga nemicimbi yelifa likaEddie. √√ (2)

2.2.2 Kungokuba iinkcukacha zelifa likaEddie zazisele zithunyelwe kule ofisi kaMhlekazi. √√ (2)

2.2.3 Ukuba ulenza ngokusemthethweni uphando ngokufa kukaEddie noLulama. √√ (2)

2.2.4 Kunjalo kuba uEddie washicilela ingxoxo yakhe namalungu ase*Moonglow* awayemgrogrisa ngokumbonela icebo, waza uHlobo wafumana loo *tape recorder* equlethe obo bungqina bukhomba kuwo. √√ (2)

2.2.5 A UHlobo ukhubeka awe e*Moonglow* avele ukuba ungumcuphi. √
D ULinda uvalelwa esiseleni ngesityholo sokubulala uEddie noLulama. √ (2)

2.2.6 (a) Kwiofisi yakwaNdabazabantu√/ eHill street√ (1)

(b) Ngokuthi afumane ulwazi lokuba kukho impahla kaEddie eselugcinweni eAll Safe Bank ekukho kuyo *itape rercoder* enika umkhondo malunga nababulali bakhe. √√ (2)

2.2.7 Ngamalungu ase*Moonglow Night Club.* √ (1)

Downloaded from Stanmorephysics.com


2.2.8 (a) Ngowokuba umntu makanyamekele umsebenzi wakhe ukuze aphumelele√/ hlala uxhobele ilixa elizayo. √ (1)

(b) kuba uthe uHlobo ngokuphandisisa kwakhe, nenyameko anayo yokulandela umkhondo, wade wafumana ulwazi olubesisisombululo kwisishiqi sokufa kukaEddie noLulama. √√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] **(**2)
**[17]**
**[35]**

**UMBUZO 3: *UMONWABISI* – ZA Japhta**

**ISICATSHULWA E**

**ISICATSHULWA C**

1.1 3.1.1 Ngabantu abaze kuthenga nabazokwamkela imali esisibonelelo sikarhulumente. √ (1)

3.1.2 Kungokuba babengaqondi ukuba zizibele zakhe ezazibangela ukuba aphumelele√√/babengazi ukuba uncedwa ngamava awafumana kwiiofisi zakwaNdazabantu.√√ (2)

3.1.3 Wayithenga/wayifumana kumlungu owayefuduka. √√ (2)

3.1.4 Ngumfanekiso-ngqondweni weliso√/ ngowokubona. √ (1)

3.1.5 Kundenza ndimsizele√/ ndicaphuke√ kuba uThandabantu ulisebenzele nzima ishishini lakhe ukuze libe kwizinga eliphezulu akuyonyani ukuba uthwele√/ ubuntu bakhe bujike bamenzela iintshaba.√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

3.1.6 (a) Kunjalo kuba uThandabantu wenza izinwe kubathengi nakubantu abadala engajonganga nzuzo. √√ (2)

(b) Bubangele ukuba abenonyana onguMonwabisi ophele emvusela amashishini akhe√/bumenzele iintshaba. √ (1)

3.1.7 (a) Kukuba yena nabanye abantu abantsundu abanomdla kwezoshishino babengoosomashishini abaphume izandla kwidolophu yakuTsolo.√ (1)

(b) Ngokuthi zithi zakumtyhola ngokuthwala iintshaba zakhe azaliswe yingqumbo de aphelelwe ngumdla nakwezoshishino, kuhle nenkqubela kuzo. √√ (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

3.1.8 (a) engafihlakalanga. √ (1)
(b) Luzobo-ngqo. √ (1)

3.1.9 Ngokwakwisicatshulwa impumelelo yamashishini kaThandabantu ikwizinga eliphezulu√ kanti nasekupheleni kwebali ibuyela kwakwizinga eliphezulu. √ (2)
**[18]**

**KUNYE**

**ISICATSHULWA F**

3.2 3.2.1 Sesokukhulelwa kwakhe akugqiba ayokuhlalisana noJoe eMlazi. √√ (2)

3.2.2 Kungokuba uMamTolo wayesithi izizalwana zabo zaseNtshiqo ziphantsi kakhulu√√/ wayebafundise impakamo batsho bazibone ziphantsi izizalwane zaseNtshiqo. √√ (2)

3.2.3 Ukuba ungumama okhuthaza indlela yokuziphatha ngokwahlukileyo kunabanye abantu kubantwana bakhe√√/ ungumntu ofuna ukuba umntu azithembe. √√ (2)

3.2.4 Kunjalo kuba iintombi zakhe zazibusela ngokukhululekileyo utywala xa zishiyeke noMamTolo kuba engenalo iliso lokuqaphela ukuba ziyasela√√/ kuba uThandabantu ebengqwabalala ngoko ke zimoyika. √√ (2)

3.2.5 A UGcinumzi ubhubha kwingozi yebhasi. √ (1)

B Kufika isimumu esinguMaRhadebe kwaThandabantu. √ (1)

3.2.6 (a) KuseNtshiqo√/ kusemzini kaMamTolo√/kukwaThandabantu. √ (1)

(b) Ngokuthi afunde izakhono zoshishino aphele esongamela amashishini kaThandabantu√√/ afunde umsebenzi wevenkile aphele ephatha amashishini kaThandabantu. √√ (2)

3.2.7 NguMonwabisi. √ (1)

Downloaded from Stanmorephysics.com

3.2.8 (a) Ngowokuba mabaxhotyiswe abantwana ngemiba yobomi√/ abazali mabaxonxe izimilo zabantwana ngaphezu kwenkangeleko yangaphandle√/ ububele obugqithisileyo bubaneziphumo ezibi. √ (1)

(b) kuba uMamTolo akabaxhobisanga abantwana bakhe ukuze bakwazi ukumelana nezihendo zobomi√√/ uye wagxininisa kwimbonakalo yangaphandle kwingqeqesho yakhe, akayinanza indlela yokuziphatha. √√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

**[17]**

**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO B: IDRAMA

## UMBUZO 4: *NDIYEKENI* – DM Jongilanga

## ISICATSHULWA G

1.1 4.1.1 Bangamalungu ekomiti yesikolo iNobutho. √ (1)

4.1.2 Kungokuba umbona ephume emxholweni ngokwenza umlembelele wentetho egxeka abantwana endaweni yokuba kuxoxwe ngesimo sikaNdila ekuziwe ngaso.√√ (2)

4.1.3 Ngokuthi uMaziko olisekela-nqununu axelele uMawonga ukuba uNdila uthume umntwana wesikolo utywala esirhoxweni.√√ (2)

4.1.4 Ngumfanekiso-ngqondweni weliso√/ ngowokubona. √ (1)

4.1.5 Indenza ndimcaphukele/ndimsizele kuba uNdila ubulala ikamva labantwana babantu amele ukuba uyaliqaqambisa√/ ungumzekelo ombi kubantwana besikolo√/ kuba ngokokutsho kwakhe ukusela kwakhe kakhulu akasakwazi ukukulawula.√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

4.1.6 (a) Kunjalo kuba ukunxila kukaNdila esikolweni kubangela ukuba agxothwe emsebenzini.√√ (2)

(b) Kubangele ukuba aphelelwe ngumsebenzi√/abhubhe ngokuxhonywa ejikelwa yimpindezelo abenayo ngakuMawonga.√ (1)

4.1.7 (a) Kukuba yinqununu egcine ucwangco nenkqubela-phambili kwisikolo saseNobutho. √ (1)

(b) Uchithe ucwangco wonakalisa ikamva labantwana ngokubathuma utywala esirhoxweni ngexesha lesikolo. √√ (2)

4.1.8 (a) engafihlakalanga. (1)
(b) Luzobo-ngqo. √ (1)

4.1.9 Ngokwakwisicatshulwa uMadala uthethelela uNdila oyititshala enxila esikolweni√kanti kwintlanganiso engokunxila kukaMawonga, utyhalela ukuba uMawonga makagxothwe, kungabe kuxoxwa. √ (2)
**[18]**

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ISICATSHULWA H**

4.2 4.2.1 Ngowokunxila kukaLoni esikolweni. √√ (2)

4.2.2 Ufuna uMadala amncedise kwiyelenqe lokuba uMawonga abhaqwe enxilile esikolweni ze agxothwe ibenguye inqununu. √√ (2)

4.2.3 Ukuba unyolukele isikhundla sobunqununu. √√ (2)

4.2.4 Kunjalo kuba nguye owaxelela uMawonga ngokunxila kukaNdila esikolweni ze akugxothwa uNdila wajika wamhlohla ukuba aziphindezele kuMawonga. √√ (2)

4.2.5 A. UFuneka ugxotha uMawonga endlwini yakhe.
D. UMawonga ucela uthando kuZanele ethekweni likaFuneka. (2)

4.2.6 (a) Liqhubeka emzini kaMadala. √ (1)

(b) Ngokuthi uMadala noMaziko baqulunqe iyelenqe lokubanjwa kukaMawonga ngabehloli eshushu esikolweni, ze arhoxe kubekwe uMaziko njengenqununu. √√ (2)

4.2.7 NguMawonga Loni. √ (1)

4.2.8 (a) Ngowokuba abantu mabayeke ukuyinyolukela ngokugqithileyo imali kuba oko kukhokelela ekwenzeni okubi. √ (1)

(b) kuba uMadala uthe ngenxa nyolukela imali wavumela ukusetyenziswa nguMaziko kwiyelenqe lakhe lokufuna isikhundla sobunqununu. √√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
**[17]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 5: *INZALA YAMARHAMBA* – M Mlokothi**

**ISICATSHULWA I**

5.1 5.1.1 Bobokuba uDina ebeyotywe ziziyobisi ngobusuku obudlulileyo engazazi nokuba uphi√/ ebenxilile. √ (1)

5.1.2 Kungokuba kubusuku obungaphambili ebesithi, "bhutiza" xa athetha naye akabona ngxaki uThambolenyoka kuloo ndlela abizwa ngayo√√/ kungokuba uDina akamboni njengomphathi wakhe uThambolenyoka umbona njengomhlobo kuba ebelele naye egumbini lakhe kubusuku obudlulileyo.√√ (2)

5.1.3 Walotywa nguNoyongo ngokumthengela iselula. √√ (2)

5.1.4 Ngumfanekiso-ngqondweni weliso√/ngowokubona. √ (1)

5.1.5 Indenza ndibenomsindo√/ ndikhathazeke√ kuba uNoyongo wenza ngathi unobubele kuDina kodwa uneenjongo ezingcolileyo zokubulala ikamva lakhe kuba enyolukele imali√/ kuba uNoyongo ekhohlisa uDina nje uqhubela phambili umsebenzi ongcolileyo kaThambolenyoka wokuxhaphaza abantu ababhinqileyo.√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

5.1.6 (a) Kunjalo kuba uDina uqale ukusebenzisa iziyobisi ngokuzinikwa nguNoyongo ozenza ngathi uyamthanda, de amkhuthaze ngelithi kufuneka ahlale eyijonga i*Mini-Bar* yakhe ingahlali ingena nto.√√ (2)

(b) Kubangele ukuba uDina azibhaqe elixhoba leziyobisi ade abekwiqondo lokuba afumane uncedo ukuze akwazi ukwahlukana nazo√/uDina ubelixhoba lokuba uThambolenyoka amsebenzise ngendlela athanda ngayo emxhaphazayo ngokwesondo de wakhulelwa√/ uDina akazange aqhubeke nesikolo nangona engumntwana okrelekrele.√ (1)

5.1.7 (a) Kukuzakhela ubutyebi ngokuxhaphaza abantwana abangamantombazana ngokubathengisisa imizimba.√ (1)

(b) Uye kumangala emapoliseni de wacebisa nendlela anokubanjwa ngayo, wabe uyagwetywa uThambolenyoka.√√ (2)

5.1.8 (a) efihlakeleyo. √ (1)
(b) Luzobo-mayana. √ (1)

Downloaded from Stanmorephysics.com


5.1.9 Ngokwakwisicatshulwa uDina uyintombazana eselula ebuthathaka nengazi nto ngokuxhatshazwa kwamantombazana kweli shishini√/uyaxhatshazwa buyonakala ubomi bakhe√ kanti ekupheleni kwebali uliqhawe kuba ubangele ukupheliswa kweli shishini ngokubambisa uThambolenyoka. √ (2)

**[18]**

**KUNYE**

**ISICATSHULWA J**

5.2 5.2.1 Sesokubamba uThambolenyoka, de abe uyagwetywa. √√ (2)

5.2.2 Kungokuba uSajini Gxalaba noDina balenze imfihlo yabo icebo lokubamba uThambolenyoka√√/ kungokuba akazange axelelwe ngeqhinga lokubambisa uThambolenyoka. √√ (2)

5.2.3 Ukuba akangomntu uthatha iwonga elingelolakhe√√/ akangomntu unomona√√/akangomntu uzifunela kuye izinto ezintle√√/ ungumntu onenyani. √√ (2)

5.2.4 Kunjalo kuba ngabo abebelobela uThambolenyoka amantombazana aza kuwaxhaphaza ngokuwathengisisa imizimba ezenzela inzuzo. √√ (2)

5.2.5 A. OoSdokhwe baleqa uDina ngenjongo yokumbulala.√
D. UDina ugxothwa nguThambolenyoka kuba ekhulelwe.√ (2)

5.2.6 (a) Kwisikhululo samapolisa eNgcobo. √ (1)

(b) Ngokuthi afumane uSajini Gxalaba oye wamnika inkxaso abeyidinga ukuze abambise uThambolenyoka ngokumxhaphaza de abe uyagwetywa. √√ (2)

5.2.7 NguThambolenyoka nabantu abamsebenzelayo√/ ngooNoyongo. √ (1)

5.2.8 (a) Ngowokuba abantu mabasebenzisane nomthetho ekulweni ulwaphulo-mthetho. √ (1)

(b) kuba amapolisa akwazi ukumbamba uThambolenyoka agwetywe ngenxa yokuzinikela kukaDina ekulweni ulwaphulo-mthetho. √√ (2)

**[17]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

## UMBUZO 6: *IZIBHOVUBHOVU ZASEBHAYI* – LL Ngewu

6.1 **ISICATSHULWA K: 'IZIBHOVUBHOVU ZASEBHAYI' – LL Ngewu**

6.1.1 Sesokungena kwezikrelemnqa emizini yabantu zithathe impahla yomntu zize ziphume zingenaxhala kuba zisoyikwa. √ (1)

6.1.2 Kungokuba zazingazi ukuba uMaqhazolo wayezilindele ngompu ngolu suku.√√ (2)

6.1.3 Ayephuma neentsapho zawo ayekuchitha iimpela-veki kude ebaleka izikrelemnqa√√/ayefika emizini yawo akhulule izihlangu neekawusi ukulungiselela ukuba izikrelemnqa zizibone iinzwane zawo ukuba azishukumi√√/ayehlala enxunguphele.√√

[Nayiphi kwezi.] (2)

6.1.4 Ngumfanekiso-ngqondweni weliso√/ngowokubona. √ (1)

6.1.5 Sindenza ndivuye√/ndibenosizi√ kuba esi sikrelemnqa sifumene isohlwayo esisifaneleyo ngesenzo saso sobugewu√/ kuba besibenza obu bukrelemnqa nabahlobo baso kodwa siso sodwa esifumene isohlwayo.√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

6.1.6 (a) Kunjalo kuba uMaqhazolo obengomnye wamadoda aphila ngokoyika emizini yawo ukwazile ukuhlasela kuqala azichithachithe izikrelemnqa.√√ (2)

(b) Kubangele ukuba busiphuke neengcambu ubukrelemnqa obabusenziwa zizikrelemnqa zaseBhayi eDikeni.√ (1)

6.1.7 (a) Kukuthatha ngenkani impahla yendlu kwimizi yaseDikeni. √ (1)

(b) Uzihlasele kuqala izikrelemnqa, zabaleka kwenzakala sasinye, zatsho zalishiya iDike. √√ (2)

6.1.8 (a) engafihlakelanga. √ (1)
(b) Luzobo-ngqo. √ (1)

6.1.9 Ngokwakwisicatshulwa isikrelemnqa besisisibhovubhovu esithatha izinto zabantu ngenkani√ kanti ekupheleni kwebali sibanokuzisola√/ngokwakwisicatshulwa sidutyulwe eqatheni√ kanti ekupheleni kwebali sesifelwe nguwo wonke umzimba ongezantsi kusele intloko nje kuphela. √ (2)
**[18]**

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com


6.2 **ISICATSHULWA L: 'KANTI ANDIZENZANGA ' – EZ Guqa**

| | | |
|---|---|---|
| 6.2.1 | Sesokusombulula iingxaki zonyana wakhe. √√ | (2) |
| 6.2.2 | Kungokuba wayengasenaye utata√√/ kungokuba wayesoloko esendlwini nonina kuphela√√/ ungumntwana oyedwa kokwabo. √ | (2) |
| 6.2.3 | Wayengenazo iimpawu zomntu oyindoda ezilindelekileyo√√/ inkangeleko yakhe yayiyeyomntu olibhinqa. √√ | (2) |
| 6.2.4 | Kunjalo kuba wayevuya xa ebona uMntuyedwa ekhuthalele ukwenza umsebenzi wendlu.√√ | (2) |
| 6.2.5 | A. UMntuyedwa ubizelwa imbizo ngamakhwenkwe elali yaseSikhobeni. √ | (1) |
| | D. UNtandoyakhe uxelela uMaDosini isigqibo sembizo yakomkhulu. √ | (1) |
| 6.2.6 | (a) Kwilali yaseSikhobeni. √ | (1) |
| | (b) Ngokuthi isimo sentlalo saseSikhobeni sokuba kulawule amadoda odwa sibangele ukuba isigqibo malunga nokugxothwa kukaMntuyedwa sithathwe ngamadoda odwa, angabandakanywa uMaDosini. √√ | (2) |
| 6.2.7 | NguMntuyedwa. √ | (1) |
| 6.2.8 | (a) Ngowokuba abantu mababamkele abaye abanye abantu ngokwendlela abadalwe ngayo. √/ oomama mabanikwe intlonipho nabo njengeentloko zamakhaya. √ | (1) |
| | (b) kuba uMntuyedwa wohlwayelwa ubuni abubo obungelotyala lakhe√√/uMaDosini uthathelwa izigqibo ezimahlukanisa nomntwana wakhe ngamadoda elali engazikhathalelanga iimvakalelo zakhe. √√ | (2) |
| | | **[17]** |

**AMANQAKU ECANDELO C: 35**

**OKANYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO D: ISIHOBE

**UMBUZO 7: *IVAMNA BAFAZI BOLUSU* – S.Maputi nabanye**

7.1 **"INTAMBANANE – Z. MTUMANE**

7.1.1 Yimfanozandi.√ (1)

7.1.2 Lithetha ukuba iwuqwalasela umhlaba ngokungathi kukho okuthile efuna ukukubona.√√ (2)

7.1.3 C√/C luchasaniso√/ luchasaniso.√ (1)

7.1.4 Ngowokubona intaka ethi endaweni yokubhabha nje isuke ime emoyeni ityityimbe idlala ngokungathi iyadlisela.√√ (2)

7.1.5 ... ziyadandatheka√ (1)

7.1.6 Ngumfanekiso-ngqondweni weliso√/ngowokubona.√ (1)

7.1.7 Kundenza ndibenosizi√ kuba alinawo amandla okuzikhusela√/ kuba ubomi bentshontsho buyanqanyulwa. √ (2)

7.1.8 Ukuba le ntaka ngokwendalo yayo, iphila ngokutya amantshontsho√√/ liyintaka etya amantshontsho. √√ (2)

7.1.9 Ngokuthi itye amantshontsho ebeza kukhula ande, abantu abafuye iinkukhu bangabingomahlwempu.√√ (2)

7.1.10 Isitanza sesi-4 singezimbo zentambanane ezidala ihlombe ebantwini batsho bayithande bayilinganise√ kanti esesi-7 singemikhwa emibi yale ntaka yokudobelela imizamo yabantu abafuye iinkuku bangahlumi.√ (2)

7.1.11 Iyayithanda kuba nangona isixela isihlava sayo sokutya amantshontsho eenkuku zabantu, iyincoma kakhulu ngeempawu zayo ezithandekayo neziyenza yahluke kwezinye iintaka. √√

Okanye

Ayiyithandi kuba iwugxeka kabukhali umkhwa wayo wokutya amantshontsho eenkuku de ithi idala intlupheko kumakhaya amaninzi. √√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
**[18]**

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com

7.2 **INGCWABA – S. MAPUTI**

7.2.1 Kungokuba ingcwaba lingumngxuma ongaqhelekanga, owothusayo. √ (1)

7.2.2 Idlaka√/ ifihlo. √ (1)

7.2.3 Yeyokuba ukufa kufika kungalindelekanga. √√ (2)

7.2.4 (a) Kukuzalana ngokwegazi√/kukuba nonxibelelwano ngokwegazi. √ (1)

(b) Uthi umntu akusweleka afakwe engcwabeni. √√ (2)

7.2.5 "Umhla, iveki ngabanye behamba." √√ (2)

7.2.6 Ezibhedlele√
Ezindleleni. √ (2)

7.2.7 Ngowomhlaba oyingqumba wengcwaba eliselitsha. √ (1)

7.2.8 Kulo mntu ubhubhileyo. √ (1)

7.2.9 Kunjalo kuba le miqolo iqulethe okwahlukileyo koku kuthethwe kumbongo wonke kuba yona ithetha ngomntu osengcwabeni kanti eminye ithetha ngengcwaba. √√ (2)

7.2.10 Ngowokuba nangona ingcwaba libaginya mihla le abantu aloneli√√/ ngowokuba ingcwaba lingumngxuma ongaqhelekiyo kuba linxulumene nokufa√√/ngowokuba alingomgxuma ofana neminye ngenxa yokuba linxulumene nokufa√√/ ngowokuba mihla yonke ingcwaba lingumngxuma ogcwaba abantu, aliphezi. √√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**
**AMANQAKU EWONKE: 70**